## ISAZISO SENKQUBO YOKUFAKAN' IMILOMO NOLUNTU

### Inkqubo Yohlolo Olusisiseko lweProjekti Ephakanyiswayo Yokwandiswa Kwendawo Yokupaka Iimoto KwiKoeberg Nuclear Power Station eCape Farm Duynefontyn no. 1552, Western Cape

**Advisian Project Ref No.: C00278**

**DEA Ref No.:** ***Ikwinkqubo yokukhutshwa***

Isaziso seNkqubo Yokufakan' Imilomo Noluntu (PPP) siyakhutshwa ngokuvumelana Nemiqathango Yohlolo Lwegalelo Kokusingqongileyo (EIA) (2014) epapashwe kwiSaziso sikaRhulumente R. 982, esenziwe ngaphantsi kweCandelo 24 (5) nelama-44 loMthetho woLawulo Lokusingqongileyo LukaZwelonke (NEMA), uMthetho No. 107 ka-1998 (njengoko utshintshiwe).

---

**INKCAZELO NGEPROJEKTI:**

U-Eskom uphakamisa ukwandiswa kwendawo yokupaka iimoto ekhoyo kwisiza seKoeberg Nuclear Power Station (KNPS) eCape Farm Duynefontyn No. 1552. IProjekti Yokwandiswa Kwendawo Yokupaka Iimoto iya kulungiselela iindawo zokupaka ezisisigxina eziyi-200 (ezipeyiviweyo) neziyi-200 zexeshana (zegravel) ezinomthamo wophuhliso oqikelelwa kwi-11 000m$^2$.

---

**INKQUBO YOKUGUNYAZISWA KWALE PROJEKTI:**

Ngokuvumelana nemiqathango yeEIA ka-2014 EIA, iprojekti ephakanyiswayo ifuna Ukugunyaziswa Kokusingqongileyo kwiGunya Elisebenzayo, oko kukuthi iSebe likaZwelonke leMicimbi Yokusingqongileyo (DEA) - ngenxa yegalelo elinokubakho kokusingqongileyo. Le projekthi iphantsi **kwiNkqubo yoHlolo Olusisiseko** ngokuvumelana neMisebenzi Edwelisiweyo esebenzayo ekuDweliseni iSaziso 1 no 3, eziquka iNkqubo Yokufakan' Imilomo Noluntu.

---

**ITHUBA LOKUBA NENXAXHEBA!**

**Idrafti yeNgxelo Yohlolo Olusisiseko** iya kufumaneka ukuze ihlolwe kangangeentsuku eziyi-30 nethuba lokugqabaza ngayo, ukususela nge- **27 Oktobha – 28 Novemba 2016** kwezi ndawo zilandelayo: Iikopi ezingamaphepha zesi sicelo zifumaneka kwezi ndawo zilandelayo:

- **Koeberg Public Library** (idilesi: Merchant Walk, Duynefontein, Melkbosstrand. Ifowuni: +27 21 553 2514)
- **Wesfleur Public Library** (idilesi: Wesfleur Circle, Dassenberg, Atlantis. Ifowuni: +27 21 572 7618)
- **Thusong Community Centre** (idilesi: 1 Nottingham Street, Sherwood Park, Atlantis. Ifowuni: +27 21 572 0289),
- **Avondale Public Library** (idilesi: Civic Centre, Grosvenor Avenue, Atlantis. Ifowuni: +27 21 572 3529) kunye ne
- **Koeberg Visitors Centre** (idilesi: kwisiza seKoeberg Nuclear Power Station, Ifowuni: +27 21 550 4667) Isicelo se-elektroniki sikhona ukuze usikhuphele kwi-Advisian Website: http://www.advisian.com/advisian-environment-society

---

**BHALISA NJENGOMNTU ONOMDLA NOCHAPHAZELEKAYO:**

Ukuze ubhalise njenge-IAP yale projekthi, sicela uthumele iinkcukacha zonxibelelwano zakho ezipheleleyo, umdla onawo kule projekthi iphakanyiswayo (ushishino oluthe ngqo, izimali olobuqu njl. njl.), kwakunye namagqabaza akho kunye/okanye izinto ezikuxhalabisayo, **uzibhale phantsi**, uthumele kwi-Advisian EAP **ngaphambi kuka 28 Novemba 2016**:


Advisian EAP: Ryan Jonas
Iadresi Yee-imeyili: Ryan.Jonas@advisian.com
Idilesi yePosi: PO Box 398, Bellville, 7535
Ifowuni: +27 10 593 3942


Advisian
WorleyParsons Group


WorleyParsons RSA (Pty) Ltd trading as Advisian
REG NO: 1989/002048/07